# IMVO ZABANTSUNDU

## NATIVE OPINION

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JUNE 30,1886. [No. 87



Amayeza Abantsundu

B. G. LENNON & CO.,

*Abapitikezi Bamayeza,*

E MONTI

NGOKU batengise zonke Intlobo, zine zalatiso ezizaliskileyo zibhalwe nge Sixosa kwisiqunyana ngasinye.

Anokufunyanwa ku Mr. P. H. POTTER, e-Jojosi emantloko e Tole, nakwa banye abarwebi.

IYEZA LE PALO. Owona mciza wenene we Palo.
IYEZA LOKUNQUMLA, ukuxaxaza noku hlanza.
AMAFUTA EZILONDA.
INCINDI YOKUPILISA AM AZINYO.
I-PILLS (Amagaqana) zenyongo.
AMATONTSI AMEHLO ABULALAYO.
I TURLINGTON yoku sikwa nokuxuzuka nezinye izinto ezinjalo.
IYEZA lika LENNON L0KOHL0KOHLO.
IYEZA lika Stretch Lokuhlikihla isifo samatambo (Rheumatism) nezinye ezibunjalo, namanye ke.

ISIKUMBUZO.]

—U—

JOSEPH J. YATES,

OBEKE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa "nga magqweta."

IOFISI—Egumbini le ALEXANDRA ROAD ne Downing Street, kula ofisi ibisakuba yeka Mr. Innes.

f36m

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinye ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

E QONCE

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.j

COOK Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ezika, Ipils- 1/ ngebokiasna.

COOK Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile..

COOK Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Oka Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Koba ngawelahlekiso angenalo igama lake.



# IS AZISO.

## ITRANSPOTI YAMALAHLE ASE NDWE.

NGAYO le nyanga nangale izayo imali yoku bayishwa ukusuka emalahleni ukusa ku Komani iyakunyuswa ibe yi 9d. nge kulu. Zonke inqwelo zolayishwa ngexesha elifanelekileyo

DUGMORE NO HELLIER,
Amagosa.

Indwe Mines, June 1,1886.



*Pambi kokuba nitenge kwezinye izindlu, kanizekuzibonela impahla yetu entsha enyulwe kakuhle.*

NO

*Ukuba ufuna into elungileyo kanye ngemali yako, kawuti gxada kwindlu yetu entsha yengubo.*

BA

# YI VULI LE

*Kwizindlu apa ebezisakuba no* C. FENNELL & Co.

EYABO ENTSHA

## Ivenkile Yokutengisa Nokwenza Ingubo

INE

MPAHLA ENTSHA NE BUHLUNGU

Enyulwe ngu Mr. CHARLES DYER ngesiqu e London.
Yonke lempahla itengiswa ngamanani amancinane *oku*qibela, ukuze ibehle itengwe msinya ikwelelele enintshi eza ngezikepe.

Pambi kokuba nitenge kwezinye izindlu, kanizokuzibonela impahla yetu

NO

Ukuba ufuna into elungi leyo kanye ngemali yako kawuti gxada kwindlu yetu entsha Yengubo.



# Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu, ne swekile zitengeni ko

# BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.


# Isaziso se Nkosi ya Mampondo.

NGE ndlela ebifunwa ngu Rulumente esuka Ecwebeni lo Mzimvubu icande kwelama Mpondo isinga kwa Adam Kok kuvunyelwene ukuba mazihambe inqwelo zabo bonke abantu. Maze ingabi nazi tola zokubhatalisa inqwelo, kanjalo maze ingembiwa ikwayileya ndlela indala.

UMHLANGASO J. S. FAKU, Umpakati Omkuku

Esihlonyaneni, Pondoland, May 14, 1886

# JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,

## Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

## BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

### Nezempahla emfutshane
BEMPONDO,

*Nokudla, njalo njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngontlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zino cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

## JOHN J. IRVINE & CO.



# Iyeza Lokulungisa u Boya.

# I Dip Efezekileyo.
(PERFECTION).

XA bacela amehlo omzi kwi Dip yabo engena Tyefu ekutiwa ye "Fezekileyo," o-Messrs. DRUMMOND & CO., banga bangawa latela lama lungelo angekoyo kwezinye i Dip :—

1. Ayina Tyefu.
2. Ayibonakalisi uboya.
3. lyalupelisa kanye ukwekwe ezigusheni, nase zinkomeni, namakalane, nase ma hasheni, nentwakumba nentwala ezinkomeni nase zinjeni. ibulala nezinambuzane ezigqiba imiti.
4. Inokudityaniswa lula namanzi ashushu nabandayo, ayinankatazo zininzi, icokisekile ingafuni nokugwe xwa.
5. Ixabiso lilula; Igalon inye (inkonxana engangezi zetela) yayo yenza igalon ezi 60 zoku blamba.

Amadoda aseke ayilinga ayincoma onke kakulu ukulunga kwayo. Izikulu eziyincomayo ngo Messrs. T. Harmer, John Ross, M.B., James Fuller, W. B. Cumming, Murray Brothers, W. Hains, Geo. Blaine, jun., J. C. Froneman, jun., P. Gleeson, W. Dunbar, M.S.T.E., and Town Clerk and Engineer, C. J. Dowell, J. Gibson, W. E. Edwards, wase Kubusi, nabanye ke.

Indlela yoku setyenziswa kwayo ishicilelwe ngesi Ngesi, nangesi Xhosa, nangesi Bhulu emapepeni ancanyatiselwe ezinkonxeni.

Yeyona ilunge kanye, itshipu kuzo zonke ezinye intlobo. Uze unga tengi yimbi. Yibize kwi venkile ezimele Abantsundu, E Qonce.

## D. DRUMMOND & CO., E QONCE.



# C. MUSGROVE;

## OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,

## E QONCE.

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana nayo.



Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

# Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqaqambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

*Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.*

Benjenje ukulincoma ubake balilinga :—
"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndingasayazi, ngoku ndipilile."
Wenjenje wumbi:—" Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."
Omnye uti:—" Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye."
"Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqitileyo ndite ndakumtatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakama ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga; ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni,"
Uti omnye: "Lindenzele kanye lonto ubute liyakundenzela, uku ndipiliaa ekutyatyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inkohliso njengamanye.
"Yiyo le enye inteto : " Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalilingileyo, andikeva mntu lingamncedanga.
uvakalisi imvo zabantu
zalisa lonke ipepa.
*Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela 3s. 6d. ngebotile, ongu*

## JAMES JONES,

*46 LONG STREET, CAPE TOWN.*



# Udaba

# Olumnandi

KULUVUYO kuti ikwazisa izihlobo zetu okokuba Impahla yetu esandukuvela Pesheya kolwandle ifikile, nokokuba kanjalo ezimpahla zikankanywayo ngasezantsi apa sizi tengisa ngamaxabiso ayakubalungela bonke, nangona imali inje ukuswelika kwayo. Lempahla ilandelayo itengiswa ngeminqopiso ekufuneka ke ngoko likuba uyatenge ingekatengiswa.

Izihlangu zamanenekazi—
I patuloni entsha ngexabiso elipantsi.

Izihlangu zamadoda—
Ziqala kwi 5/6 zizibini.

Ezamadoda, ne zamankazana izihlangu ezinge nayitende (slippers).

Ikeleko emhlope etambileyo, iyada ziba 12 nge 2/lld.

Ikwiliti ezinamabala ze 3/6

Ihempe zamadoda, zihleli zodwa, kanti zomelele.

Iqiya zentloko ezizi Keshemiya (onke amabala).

Amalapu Amhlope ekoyi (apindiwe ububanzi) 1/ iyadi.

Ivelvete ezintle kunene ezinamabala nezimnyama.

Iwaka lenqawa i " GBD " Briars, njalo, njalo.

ZONKE amanani apulwe pakati.

Yiza kuzibonele kwangoku kuba akubizwa nto ngokukangela.

Kwa

## W. O. CARTER &. Co.

Kwinkundla ka Makeleni,

## E-QONCE.



## EDWARD KELLY,

Umteteleli kwikundla yama tyala,

*Ubuta imali ezizikweliti ayitumele kubaniniyo kwaoko.*

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yomantyi.

*Umvuzo awubizayo mncinane.*

I Ofisi : CALA.



# J. E. L. KILLING,

New Street, E-Rini,

## Igqira elinyanga ngemiti yelilizwe.

LENDLU imiselwe ngokukodwa ukuba ibe yeyo kusebenza nokunyanga ngemiti embiwa kweli lizwe, enyanga zonke izifo zamadoda neza Mankazana, nokuba umntu simhla bumini nokuba sise gazini na. Lemiciza yenziwa ngemiti yeli lizwe. Nokuba umntu sefelele ngendlu sisifo sokungapalazi iyasipilisa. Linokutumyelwa nge posi xa umntu aliyalezileyo. Litenjwe kakulu.



## JEREMIAH KUZANE,

*Umteteleli Ematyaleni,*

Kwa Tsolo; ukwakufupi kwa Qumbu.



## ANDREW GONTSHI

Umteteleli ematyaleni,

Aloeville, Kei River.

*TRANSKEI*


# Iveki

ABAXHASI be *Mvo Zabantsundu* baya kunjuzwa ukuba ikwota yabantu abaninzi ipele ngo April ogqitilayo.Lixesha ke eli itunyelwe imali. Esi sikumbuzo sibhekiswa nakwabo banga Magosa *Emvo* kwindawo ngendawo. Kufuneka itunyelwe nge Post Office Orders imali, indawo ezingenayo nge Stamps zepeni, nezimbini, neze tiki. Azifunwa kakulu eze halufa. Yonke imali ingena ngo J. TENGO JABAVU, Office of *Imvo Zabantsundu,* King William'sTown.

INCWADI ZO Mr. Mlindazwe N. Galela no Mr. Geo. Pamla ngokubhubha kuka Mr. Joel Madubela zifikile—azisanqweneleke nganto ke epepeni ekubeni selenziwe amanqaka ngomzalwana lowo kweleveki egqitileyo.

U MR. TWEED obesakuba yimantyi e Colesberg ukwele emkonbeni wasinga kwelama Ngesi. Ute xa aza kukwela waligqweta igama ukufihlela abantu anezikweliti kubo abayifunayo imali yabo.

KUCOLWE umntwana selefile e Edendale kunyanga engu May. Lomntwana ube lahlwe ngunina. Unina ufunwe wafunyanwa ityala lake alika tetwa.

SIYAVUYA ukuva ukuba ikaba lakowetu ebelibulahlile ubutitshala liyabu buyela. Sitsho ngo Mr. Richard Kawa ofundisa Egcebula, no Mr. Henry Hina ofundisa e Hankey. Yinto ebuhlungu ukulahlekwa ngamadoda anezipiwo anjengo Mr. Kawa, amadoda makabuyeke ububetyebetye.

IMITSHATO yamawetu ayikangeni emgaqweni yemitshato efanelekileyo. Lemitshato isand'ukubako Emgqakwebe, isuke yafana neya pesheya kwe Nciba, ngengoma zayo nokududa bonke ubusnku bengqisha nge nyawo betyityimba.

AMAGAMA abanamatyala kwi *Mvo* simana ukungqubeka ekuwashicileleni kuba i Quarter ibingeka peli. Ipelile ke ngoku silindele ukuba zifike inkozo zokusinqanda.

KUFE amahashe akuma shumi mane kwisiqingata sase Cedara—Natal.

KUBE luvuyo ukubona umfundisi u Rev. James Read, Senior, u Ngcongolo kulomzi esahamba hamba ngokomelela. Ubesinga e Bayi.

ICEBO ebelingeniswe ngu Mr. O'Leary e Palamente lokuba u Rulumente ayitenge yonke imingxuma yase Dayimani aze aqeshise ngayo lisuke labetiswa nomoya.

AMADODA amahlanu abedilikelwe ludonga e Dayimani ambiwe afunyanwa esapilile onke.

UMBONA omtsha e Natal uhamba kwi 3/ ngengxowa. Indyebo inkulu nonyaka. Ihabile ilinywe kakulu e Edendale, abantu bayikutalele.

U MR. SPRIGG uyekuboleka imali e Ngilani yokuquba umsebenzi welilizwe.

U MAJAMBU e Komani ugwetyelwe iveki ezintatu esebenza nzima entolongweni ngokubhomela u Mr. Baker walapo wambeta kunene ebusuku.

IZIKOLO zase Natal ziyavalwa namhla 30 June.

UNYULO Iwamalungu e Palamente (House of Commons) yase Ngilani luyakuqala ngomhla wokuqala ku July.

ABAFUNDISI abatandatu base Tshatshi benziwe aba Prist—o Rev. J. C. Coyte, wase Ngqnshwa; J; Llewellyin wase Komani; E. J. Batty, wase Kobonqaba ; H. J. Organ, wase Burghersdorp ; G. H. Heathcote, wase Vet- belere; no H. Crossthawaite, wase Beaconsfield.

U MR. DUGMORE obepete i Nxukwebe ukutshiwe ngenxa yobugquzugquzu bobubhuru bemali yakomkulu, kwafakwa esikundleni sake u Mr. Ayliff umzukulwana ka Elefu wonyana omkulu obese Natal.

UMLUNGU ongu McTarvish udubule inkosikazi ka Mr. Scott e Mafeking kwela Bahlambeli enxilile. Ate efika amadindala ukuza kumbamba waselezidubule naye ngokwake.

NGOBUSUKUI bo Mvulo weveki egqitileyo ate esatsholoza amaqaba ase Mdala etywyaleni agaleleka amapobsa awabamba awaqweqwedisa ukusinga egantolo yase Rhofolo,

Afika agwetyelwa iveki ezimbini entolongwe ni. Kuhlala kuxelwa ukuba mabuyekwe utywala.

UMTETO osand' ukuhlokonyiswa ngu Rulumente uti: umntu oke wancazela umbanjwa, mhlaumbi wampa ukutya, nokuba yi ralasi yotywala nokuba sisipina isiselo esi. nxilisayo, uyakudliwa ishumi leponti (£10) ati ukuba akanalo agwetyelwe inyanga ezintatu entolongweni. Mabalumke abantu abazidla ngokupa bayakwamkela lumbi uhlobo lomvuzo.

E BARELY East kusand'nkuvulwa indlu entle ye Tyalike yama Wesile. Ivulwe ngu mfundisi u Vulindlela (Rev R. Lamplough.)

I BHUNGA lomzi wase Tinara lidliwe £7, 10/ ngenxa yokungayilungisi indlela. Ikalityi ka Mr. Charles Chalmers yeyele esilo, tini esisendleleni yabukuqeka naye ne nenekazi. Ute akukova nkuyilungisa wayakumangala wagwetyelwa.

UBUNXILA buyancipa kakulu e Jagersfon. tein, ngenxa yomteto wakona wotywala. Abantu abangena intolongo ngenxa yobu. nxila ngomnyaka we 1882 baba 374 baxhaswa ngokutya okuyi £132 12/. Ngomnyaka we 1885 babe 57 badla £7 8/8. Tina kweli letu ziti inkosi ezingo Upington nama Bhulu makuvulwe kuselwe.

U BOOY ZUZA ubanjwe elele esitalatweni enxilile e Bayi. Ute ngemini elandelayo akubuzwa yimantyi wati, ubenesatutwane. Wagwetyelwa ukuba arole i £5, ukuba akanazo ahlale inyanga yonke entolongweni.

U Mr. Hugo umantyi wase Alvani upumi le edinisweni ngenxa yobudala. Indawo yake inikelwe u Mr. Gie obesakuba yimantyi e Tarkastad apo ngoku ngu Mr. L. G. Rawstorne obese Dodoloro.

IZOLO elinye kunduluke inqwelo ezi 17 apa e Qonce zilayishe imipu nengxawa zisinga kwa Adam Kok, zipelekwe liqela lamapolisa.

I JELLIMENI elingu Goutsoh lidliwe i £5 yimantyi izolo, libete umfanyana ka Ngxoweni wakwa Bidli ngenqindi lamapula umhlati.


# IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, JUNE 30, 1886.


Ukuvalwa IPALAMENTE ivalwe ngolwesiHla- nu olugqitileyo. Kuzo zonke eke zibeko i Palamente akuko ifana nale ukungabi namsebenzi nokungcola kwayo. Esoke sisigwebo sake wonke umntu welilizwe. Ngokwezinto zolaulo le Palamente ifane yangamatambo nje awomileyo akuko noko inye into enobom, nelungileyo eke yayenza, yaza yabangela ukuba ikangelelwe pantsi idelwe kanye lilizwe. Oluya ruruzo lude lwemicimbi eyati mhlana yavulwa wati u Rulumente kuza kuxoxwa yona isuke yapelela emoyeni ngokwenkungu yakusasa. Leya miteto kwakugatyiswa ngayo yokuba kuza kukutazwa umsebenzi wokwenza ingubo nge Koton elinywa apa, nomteto wokwenziwa kwengubo zoboya, nomteto wenqwelo, nomteto wempato embi yezilo ku Loliwe, yonke lonkita kwasuka kwahlekiswa ngayo yagxotwa yi Palamente. Asiteti ke kona ngase malini u Rulumente upantsi kubabi, no Mr. SPRIGG ngokwake kubonakala ukuba limyile Uhlutwe £70,000 abewafumana kubenzi be wayini kumandla wase Kapa kuba isuke yabulawa leyorafu. Kubonakala mhlope ukuba ngonyaka ozayo isikweliti ayakubanaso u Rulumente siyi £500,000.

Ngemicimbi epatelele kumawetu le Palamente ide yabaluleka ukungcola. Ingxoxo nenteto ziyaziwa ngumzi, kengoko wona awulindele ukuba kungade kupume into elungileyo kulowa mqwebedu we Galili. Ukuqutywa kwengxoxo engepesheya kwe Nciba, neyo Tywala, ne Rafu yendlela kubangele ukuba abantu abantsundu lo Rulumente nama Bhulu amxasileyo babakele umkanya, nangapezu koko angaten Umteto we Pasi usalindiselwe i Palamente ezayo. Amawetu oke apefumle okwangoku, kodwa ke siyatemba ukuba ngelixa yahlukeneyo i Palamente lento yocingwa kakuhle ingafumane inyanzelwe. Esisiyaluyalu nesipitipiti sale Palamente senziwa ngu Rulumente ngokwake kuba ubutataka ngokulihlazo akakwazi kuyikokela i Palamente, ungafika lomadoda egabhazela ukoyika ukutshwa ahlukane nemali. Nabantu abati makwenziwe lo Rulumente ungu Nqapela-ndikule mababe nabo bayazohlwaya kubababengazi ukuba zingati izinto zisonakala basuke abantu batshele emalini. Abantu bangasuka bazitutuzele

lento lovela yenziwayo.
anyano nge-
ukulunga.

aku

ciiLraVhv.'ay - v-
W. f;. <'liaiiiK-rs mie
-SpT'.viiiii.i ukniu . ia

eki engadinwayoyeye-
ugqitileyo Lento iyakususa umtwalo k weutamo z.aniawetn. Ama- akazame ngako konke ukuyi ali vomnyaka ogqitileyo neyalo ; ukuba u Rulumente wobance- Pabantu ngokungayibizi ngaxesha -yonke lemali, woqala ngokubiza tileyo kuqala. Kambe lerafn inca-yile yamapepa ezindlu (House nelishumi belirolwa kade (Hut Kix). Irafu yabacandileyo (Quit-Rent) ^zibulewe yona iyabizwa.

LENTO itetwa yilempi iti umntu omnya- ma makangabi nalungelo lokunyula ama- lungu e Palamente ingummangaliso kuba isizatu sokutsho kwayo sinye sesokuba kuyakusuke kutunyelwe umntu omnya- ma e Palamente. Impendulo yetu tina singasuke sibalise amabakala evoti yaba- ntsundu kuba kaloku ayifiki, size emva koko siqqibe ngeliti abantu abantsundu xa bepetwe kakuhle ngu Rulumente aba- katalele kutumela owebala labo e Pala- mente. Ipepa lase Rini eliyi *Star* lisa- man' ukubuyeyelela kulongxoxo yocuku eyaqalwa lipepa lama Bhulu i *Zuid Afrikaan* e Kapa. Iti i *Star* ; - Elixa lonke ivoti yo ' ntonga-mbini ngxowa ye- bokwe' ibisoloko isetyenziswa ekunyu- leni amalungu amhlope e Palamente. Kodwa ke ilixa liyeza, ukuba asiposisi, ekuyakunyulwa " amadoda anjengo Tengo-Jabavu, mhlaimbi Amaxhosa angalumke njengaye atunyelwe e Palamente ngevoti enkuluyabamnyama zeba- mele ipesheya kwe Nciba, ne Monti, ne Qonce, ne Dike, ne Ngqushwa, ne Bhofo- lo, ne Komani, ne Alvani, nela Batembu. Izihlobo zabamnyama zizimisele na uku- lukutelisa umntu omnyama e Palamente, ize kengoko zibangele ukuba abamhlope bawuguqule Umteto ukuba kungabiko mntu umnyama ufanelwe ukunyulwa? Elonyatelo linganzima, kanti ke liyakwe- nziwa ukuba akayekwa longxupungxupu wokukutaza ukunyula o Jabavu. Uku- zama ukoyisa ivoti yama Bhulu ngale yabantsundu ikwayingozi, kuba koti kwamhla kuvakala intsebelele zelolinga sebesuka bekutshwa impela evotini aba- mtu abantsundu.

KWIBANDLA lendlu encinane ye Pala- mente u Rulumente woyisiwe kwindawo abesiti makwenziwe umketo webala Emtetweni wokumelwa kwepesheya kwe Nciba e Palamente. U Mr. Douglass ilu- ngu elingqondo lase Rini lite mawubu- lawe lomgca, latelelwa 31, abangaku Rulumente ba 28; kumgca omisa ixabiso lempahla upumelele ngevoti ezimbini kupela u Rulumente. Igqugula apa la- bantsundu abesiti u Rulumente malenzi- we libulewe nalo; siyavuya lifile nje. Kubonakala ukuba amalungu Amangesi enene xa amanyeneyo anokuyoyisa kapu kapu lemfeketo yenziwa ngama Bhulu e Palamente. Akwaba ololumanyano lu- ngasoloko luko.

## Impawana.

"Ugqoboko lwangoku lusixakile," utsho umbhaleli ose Cape Town. "Kufike umtana apa evela kwama-Tole, efuna umsebenzi, ewufumeneke uze Etyalikeni yama-Xosa, ite inkewu inganikwanga nomtandazo, yaselinduluka, safana se- nqadalala, noko sayeka. Ite yakupuma icawa yavakala isiti, nditunywe yi Nkosi ukuza kutenga intsimbi (Hand Bell) ukuze ndihambe ndiyibeta xa ndishumayela- yo, sibuzileke ukuba; kutenina ukuba ungayitengi kwezi dolopu kade ugqita kuzo ? Ute yena, " Inkosi yam u Bawo unditumele ukuyitenga apa e Kapa," Ka- nti omdala naye uliqaba aka baptize-shwanga, nokubaptizeshwa. Lentoke ilihlazo elikulu. Nale Nkosi ilungile kuba nonyakanje ukugqoboka sekukiwa ngo- cepe.

Amafama antsundu ase Rabhula, alu- nge ne bandla lase Dipende siva ukuba arole iponti ezine qa ngawo wonke lo- nyaka upelileyo ukunceda ihambiso ye- zwi lenkosi pakati kwawo. Kunjalo nje ngamadoda ano Mvangeli. Isixhaso sake ke kubonakele ukuba masesirolwa yilempi yakwa Bhuluneli—kuba i Rame- nte leyo yepetwe ngumfundisi u Hapala. Oku sikuvakalisa ngapandle kokwenza amanqaku.

Sivuyisana no Mr. no Mrs. Thomas J. Mnqanda ngomtshato wabo obuko nge 22 June e St. Matthew's. Irintyela le- nziwe ngu Rev. C. Taberer. Anconywa ubuhle ama-Africa akowetu. " Owohla- nga" usitumele incwadi ende ebalisa ngobukulu boduli nangento zonke ezenziwe yilo nkita. Ngendawo yokuba uduli nento zalo zizinto zokuqwayela emva njengenkuku, kuba zinto ezifunxa gazi lomyeni zikukuze ubambo lwa- ke; ezidub umoshweni kwamaxesha ngabo balu into ke ezifanele kube- kwa nxamnye kuzezimini, ayibonakali kuti into yokuba sanekele umzi ibali elide elingento ezenziwe luduli. Ibekile.

## I Palamente.

U MR. INNES unike isaziso nokuba wo- buza ku Mpatiswa Micimbi Yabantsundu. ukuba uzimiselena u Rulumente ukulifeza idinga lake awalenza ngo 10 August kwi Pa- lamente ngokubuyisela u Mabandla endawe- ni yake ; ukuba ke u Mabandla akasakumi- selwa ebukosini bake makaxele u Rulumeni imbangi , yokwenjenjalo kwake ekubeni ingxelo ka Mr. Dick imhlambile ?

Ngexa lombuzo akabangako u Mr. INNES waselewubuzelwa ngu Mr. RUDD. Ute u Mr. DE WET ukupendula u Mbovane akaso-kubuyiselwa ebukosini, kwafika incwadi ezi-xela ukubamdaka kwemisebenzi yake emva kwengxelo ka Mr. Dick, makabulele ukuba engabekwanga tyala ngezozenzo.

ISISALELA SEYOTYWALA.

Kulangxoxo yavulwa ngu Mr. INNES yo- kwandiswa kweziqiti emakungatengiswa tywala kuzo.

U MR. LEWIS (wela Maqwelane) ute unosizi kuba ilungu lase Dayimani (u Mr. Goch) ete wangenisa icebo elibucala kweli lika Mr. Innes. Lento yotywala mabanga- yibhuduzeleli. Lakufika ixesha wobuya ahambe no Mr. Goch. Wake wati u Mr. John Bright ku Sir Wilfrid Lawson " Imbangi yokuba ungapumeleli kukuba ucela into ezinkulu ngaxesha nye." Akadanile kuba umteto owawungenisa utywala pesheya kwe Nciba uqukiwe kulengxoxo. Umpatiswa Micimbi Yabantsundu uzwinye nabo ukuba makube nemida ukutengiswa kotywala kwa- bantsundu. Umongameli we Rulumeni u Mr. Upington uzinikele kwapela ezandleni zabatengisi bendloloti. Akasamkangele nganto yena. Basamtembile Umpati-Ngxo- wa (u Mr. Sprigg) nakuba namhla selezoyi- ka inteto zake zenx' engapambili. Emva kwenteto yake, ubumcama u Mr. Tudhope ongowongamele imicimbi ka Rulumeni.

U MR. HUTTON (elase Bhofolo) ute uziva engenakuvota engatetanga kulomcimbi. Akavumelani nezwi lokuba abantsundu ba- ngabantwana. Ngati kuye ngomtandazo abawenzileyo wodwa babonisile abapesheya kwe Nciba ukuba bangamadoda afaneleyo ukuba nelungelo lokunyula amadoda okuza kwelibandla liyi Palamente. Unosizi olubu- hlungu kuba u Rulumeni waka wangati uya- buvulela utywala. Ingxolo eyabakoyo ya- banga ukuba aroxe kancinane u Rulumeni kodwa yena (Mr. Hutton) akavumelani no Capt. Blyth ukuba ngoku konke kufezekile. Zingaba iziqingata ekungena kutengiswa tywala kuzo azifezanga, kodwa kungenxa yobuncinane bazo.

U MR. ROBERTSON (George) ute icebo lika Mr. Innes liyaqondakala. Yena uyali- xasa.

U MR. DE VOS (Vusta) ute akamcasi u Mr. Innes kuba enga abantsundu bangenza- kala umhlaumbi benziwe amanxila. Emva kwayo yonke lenteto akukakanyi kuye ukuba inkanti zivalwe, kuba ubunxila buko kwezi- ndawo kanye kutiwa zivaliwe inkanti. Aya- zi amatyala ukuba ontsundu uyabuhambela nokuba bukude kangakananina utywala, xa bukufupi naye ke angasela ngobungcatu, kanti xa bugama ungabusela ngokwenkomo ehliwe yimofu. Ukuba Umxhosa akayifu- mani ibrandi yomhlope uyakuziselela obake, kungabiko sahluko. Into eyakummenceda Umxhosa kukuba anikwe imfundo nengqo- bhoko. Akasakumxhasa ke u Mr. Innes.

U MR. AYLIFF (Bhofolo) ute usuke wa. ngenwa lusizi akuyiva inteto yelilungu li- sand' ukuteta. Nokuba sesibuvelela nga- pina sifumana utywala budala isonakalo kwifama, kwiramente naku Rulumeni, ma- bupeliswe ngoko. Umangalisiwe ukuba kubeko amadoda alicasayo icebo lika Mr. Innes. Eziziqiti zikoyo emakungatengiswa tywala kuzo zincinane. " Kwelelisani kuti ibrandi "-wenze isimbono utsho ontsundu. Ngamalungu elibandla ke anetyala ngobu. nxila bomnyama obukoyo.

U MR. BARRY (Riversdale) ute ukuba bekungeniswe urnteto wokuba bungenziwa utywala babantsundu ubeyakuwuxhasa. Buseko utywala bo Mxhosa alisakunceda luto icebo lelungu lase Dikeni. Akayiqondi yena into yokuba kucalulwe Umxhosa i Lau liyekwe.

U MR. MERRIMAN (wela Maqwelane) ute unga angenza mabini ukuncedisa izazelo zamanene atile afuna amacebo okuba acase u Mr. Innes. Amadoda ngoku afumene into yokuba akusakunceda luto ukufaka indlanga umbele we brandi kanti umqomboti uyekiwe. Umqomboti awunawo amandla anxilisayo xa utelekiswa ne brandi, wonakalisa isisu somntu kodwa. Angake avuye ukubonela ilungu lase Riversdale lisingete ijoma lom- qomboti. (Kwahlekwa). Intloko yalo ibi- ngarelerele emva kokulisela ijoma elo kwa- ngekuba injalo ngoku. Yilonto ke aba- ngxamele ukuyinqumamisa. Ukuba ibandla lincipisa amapolisa ze pezu koko livulele utywala abasakuyidinga imfazwe kwakwisi- tuba senyanga ezimbini. Kulilungelo kwi- fama nganye ukunqumamisa intengiso yo- tywala kwabantsundu. Ngokoke uyatemba ukuba bowuxhasa umcimbi obekwe pambi kwabo. Kuyimfanelo ye Palamente uku- kwelelisela izihendo ontsundu.

U MR. JOHNSON (Edikeni) ute ukuba umqomboti ububandakanyiwe kwicebo lo- wabo u Mr. Innes ubeyakumxhasa. Kuko into angayaziyo u Mr. Merriman Ayaziyo amafama. Ukuba Umxhosa unxiliswe yi bhulanti unokubuya asebenze kwakwisituba seyure ezine, kanti enxile ngumqomboti zi- ngapela iyure ezimashumi mane anesibhozo.

(Kwahlekwa).

U MR. NEL (Riversdale) ute emva kwe- nteto zamanye amalungu avela Emaxhoseni uziva emelwe kukumcasa u Mr. Innes.

U MR. J. A. DE WET (Umpatiswa) ute ilungu lase Dikeni alibanga nako ukubonisa izizatu Zokuba lamkelwe icebo lalo. Ezi- ndawo buvaliweyo kuzo utywala azincedanga luto. Into abeyingxamele kodwa u Mr. Innes kukungenisa ngeqinga inteto yoku- gxeka u Rulumeni kupela. Anelisiwe u Rulumeni ukuba kuko indawo ebilileyo bu- tywala wosuke awuhambise umteto. Akuka- biko mntu unjengomantyi namapolisa naba- nina ubonisileyo ukuba ababanjwa baninzi abazalwa butywala. Bangenza nantonina abayitandayo kude kubekwe ipolisa kwinka- nti nganye buyakutengiswa utywala kwabantsundu.

U MR. PEARSON (e Bayi) ute lenteto ka Mr. De Wet ibingafuneki nganto. Yena uyakuxhasa u Mr. Innes kuba ngokwenjenja- lo bayakuba banceda ontsundu. Ukuba umqomboti uqukiwe kulenteto ka Mr. Innes womxhasa noko.

U MR. VAN DER WALT (Colesberg) ute uyakumcasa u Mr. Innes kuba amanye ama- siko abantsundu uwayekile. Akuncedi luto ukukwelelisa into enye ekohlakeleyo kanti eninzi bayiyekile.

U MR. DE SMIDT (Clanwilham) yena ukolwa ukuba okona buvulelweyo utywala kokona kubalungeleyo bonke abantu. Ko- dwa njengokuba lento icelwa ngabantsundu ngokwabo uyakuyixhasa.

U MR. DOUGLASS (Erini) ute yena wa- fundiswa esemncinane ukuba ati ukutandaza " Ungasingenisi ekuhendweni, xa ke abantsundu bekala ngalomtandazo bamele uku- banikela indlebe. Yena akanguye omnye. wabo bati unokwenziwa angabilinxila umntu ngomteto we Palamente kodwa mazikweleli- swe kwabantsunda inkanti xa bati abazifuni.

U MR. SAUER (Alvani) ute ngo 1884 kwa- kutiwe u Rulumeni mazeke amane eyivisisa lento, yada yenziwa na ?

U MR. J. A. DE WET: Ewe ndakwenza oko.

U MR. SAUER : pofu kutenina lento iriga- nekwanga pambi kwebandla ingxelo. Wala- te ukuba bonakala utywala bo Mxhosa baku- dityaniswa ne brandi. Baka beva banina owaka wabulawa ngumqomboti. Umpatiswa Bantsundu uti u Mr. Innes ungxamele uku- galela ihlazo ku Rulumeni ngenxa yento abayenza pesheya kwe Nciba kodwa xa ku- kangelwe amanene axasa u Mr. Innes lonto ayinjalo, akayiboni into enokucaswa kulento. Banemfanelo abantu ukuza ebandla baxele ukuba abafuni tywala butengisiwe kubo ; ukuba abanta base Rini nabase Dayimani bayafuna buvaliwe utywala kubo yena anga- baxhasa. Yindawo ka Rulumeni ukuba aba- ncedise abantu ukwenza okulungileyo; ko- dwa u Mr. De Wet yena unga angabeka izi- kubekiso endleleni ukuze bakohlwe kukwe- nza okulungileyo.

U MR. DE WET : Lonto ndiyayikanyeza.

U MR. SAUER ute ilungu elibekekileyo lingakukanyeza oko ngangoko litanda, kodwa into leyo yona imi njengokuba eyiteta. Egameni lentlalo elungileyo nendilekileyo nyalicela ibandla ukuba lilixhase elicebo.

U MR. VENTER ute ukuba abantsundu bakanyiselwe ngengokuba babe nokucela ukuba bukwelelisiwe kubo utywala ngebecela ukuba bancedwe nase sitenjini. Elicebo yi- nkohliso nje alisakumsiza ontsundu. Ukuba abanakubutwala utywala abantsundu maba- pume ekuvoteni. Lonto akangeyivume u Mr. Innes kuba esazi ukuba mhlaimbi angebi nasihlalo e Palamente.

U MR. FROST ute akayazi ukuba yeya- ntonina yonke lenteto. Yena uyakuxhasa u Mr. Innes.

U MR. INNES uyiqukumbele ingxoxo ngokuti ufumana amadoda exinge etywale- ni babantsundu. Eli cebo lake liwuqukile umqomboti—liyala ukuba utengiswe. Ku- nqabile ukuba bawise umteto wokuba umntu angazenzeli incoyana yake endlwini yake. Into eyaliwayo kutengisa. Inteto yokuba koba kucalulwe ibala enzelwe oku ontsundu akayikolelwa yena; apa ngontsundu ozice- lelayo. U Mr. Upington umisa indawo yo- kuba ongayitabatiyo i brandy akayifanele i voti. Inene yeyokuba uninzi luzakura- lelwa ebuvoti nanamhla. Kanti noko u Mr. Upington uyayiqonda inteto yake kuba selete yonke i Transkei iyakubekwa pantsi komteto wokuba ibe siqiti ekungena kute- ngiswa tywala kuso. Kuwo onke amazwe anabantu abaninzi kuwo abantsundu kuko umteto wocalulo.

Emva kwamanqaku ka MR. SPRIGG ye- hlulelana intlanganiso njengoko sabonisayo kweledlulileyo.

## Ezababhaleli

IMPENDULO YELEDI KOTITSHALA

Into enjengale kunzima UKuyiyeka iha- mbiseleke pambili: ndibe nosizi olukulu ndati manga, ndati kumanqa, ndati nqa, ndati futu ngumsindo, ukufumane ndili- cite ixesha lam ndifunda into ende engenanto iteta yona; nditeta nge- ngxoxo yentlanganiso yapesheya kwe Nciba yotitshala bakona Egcuwa. Msani ukuti ubuntwana benu bokufunda ukuteta Isingesi nifune nati sibuvile, asi- nanto nokufunda kwenu nalomfeketo ye- nziwa kulontlanganiso nokuhlabana kwenu ; into tina esifuna ukuyiva nesifu- na ukuyifunda umhlaimbi ukulesesha ngayo apa kwi *Mvo* yinto eluncedo kuye wonke umntu ongumtati welipepa, nga- pambi kokucita ixesha lenu ngokupikisa- na ngentombi ezifundileyo. Kanifunde nina kuqala nifezeke, mna ndifumana nina abantu abangafundanga, napanga nafuna ubutitshala ningekabufuneki. Yiyipina nina into enisenide nayenza ngokufunda kwenu? Lonto kanye nani- teta ngayo apo kulontlanganiso yenu iteta ukuba anifundanga. Ukuba bendinini bendingasokupinda nditumele kwi *Mvo* into enje ukuba lihlazo. Namagama enu nina nimana ukuti wati u Mr. Nantsi abo Mr. bonke bahlazekile. Mna mbhali walenteto ndoyika nokumbona nongu Buti warn: ndiyanoyika. Ndingu- mhlobo wenu mna, onosizi ngobudenge benu enibuvisa abantu.

[Ngati kuti u Miss lo ufumane wawa- gxwagxusha amadoda, kuba nawo ngo- kwawo akadanga agqiba ntweni ngemfu- ndo yentombi. Asuka avuma u " *Gospel Belts* " esakoyiswa yilongxoxo,—EDITOR *Imvo.*]

UKUPELDISHA.

Barkly East 6 May 1886.

Manditi into etetwa si *Sigidimi Samaxo-sa* malunga noku peldisha amagama iyi-nyaniso ngetuba lokuba bubugqwidi-gqwidi nase zingqatsweni (Examination). Kodwa ekuboneni kwam, kuyakuke kubeko ofana no Webster namanye ama-doda atyila or abhala incwadi ezityila amagwvi (Dictionaries) ekungafuneka uku ba umntu abalekele koyo xakuko inkani. Inteto yamangesi ede yanezincwadi ndi-zikankanyileyo kuvakala ukuba isene-ndawo engalungiyo. Nditi mna ngokwam *Isigidimi* masiyeke ukuteta into enjalo. Besifanele ukuteta or ukushumayela ngo-mntu onokwenza lenewadi senditete ngayo. Luyanqenana udodana ukwenza incwadi enjalo ibeyeyesi Xosa ngokuze-leyo. Ngendiba ndiyateta Mhleli koko andinaxesha.

IXAXADU.

[Senga lencwadi ngeyitunyelwe kwi *Sigidimi,* kuba abafundi be *Mvo* benga banga natuba lokuyiva inteto leyo engo-kupeldisha.—EDITOR *Imvo.]*

IMPENDULO KU T. M. N.

Emnqaba, 26 May 1886.

NKOSI MHLELI,—Kauncede undifakele lamazwana ambalwa kulomvaba yako-mkulu. Ndifuna ukubulela amazwi ka Mr. T. M. N. wase Gcuwa; kwinteto ebu-kali ayenze kwi *Mvo* ye 19 ka May, ngo-kutukwa kwenkosi zake nam. Asikuko nokuba ude wenza into entle ukusiboni-sa imbeko anayo ezinkosini. Ke nokoke mhlobo ngati xa ndikangeleyo wopula inyama ebingosetwe wena. Lento mna ndingalindele Ukuba ingapendulwa nguwe, ngenxa yobukulu bayo, kuba umzi wakowetu.

into ezinje zihle oyena mntu kute- U Captain Veld kuba akanguye twangayes imazi bikulume, unomlomo captain suke siyicingele ngo- ezinye yeldtman (xa kuman akana- incwadana esingazaziyo ndula kumosha umlomo wake intwana ezibupantsi bunjengobwT'. " ibeke lonto iyimposiso. Ukutsht ti, kuhle ngedluka T. M. N., nam- indikw njanina uyamtetelela. Zininzi kambe izici eziti zakuba nendawo ezipakamileyo zingabisazibheka indwayinge zakomawa-zo. Ukutsho ke mnumzetu, nditi, nanini umlomo wako ngaman' ube netamsanqa kwezipata mandla zangoku, (Colonial Government).

Sibona kambe namhla i School Reports, (ingxelo ngehambiso yezikolo- zalapa ishicilelwe namhla, kuba kambe lonto yokuba mazishicilelwe ibingaseko. Ku-bonakala ke ukuba inteto yako owawute wakankanya okokuba i School Reports azisashicilelwa njengoko bezifudula zise njiwanjalo, ite yavakala kubongameli bezikolo. Kambe yona lento yokuba ziman' ukushicilelwa mna ngokwam iya-womelelisa umsebenzi, kuba ngexesha ezibe zingashicilelwa bekufumane kwasi-zungu, nomsebenzi ungaqondakali kaku-hle. Namhla ke baninzi, ndiyatemba, abavuyayo ngenxa yazo.

Nditsho izikolo zalapha e Fingoland zingagqityiwanga zo-nke ukuviwa. Kushicilelwe ebeziviwe kwada kwayi 31 March 1886, kwezo zite zaviwa zeza ingxelo; sashicilelwa isikolo esongameleyo sesika Mr. F. Sidziya ofu-ndisa e Zolo, U. P. (Upper) ngehambiso yentsapo, kuba kaloku kuyimfanelo uku-ba simkutaze ngehambiso yemfundiso yake. Esesibini noko andingesixeli.

Umzalwana u Mr. Sidziya uke wafuma-na ubutsili ngalonyaka ugqitileyo impa-hla ngemfuyo yake yabiwa yonke ebu-hlanti, unanamhla ayizange ide ibonwe. Andinamatandabuzo ukuba wakatazeka kunene, enditembayo ukuba, ebengeyiyo ndoda eqele ukuva amatsili obutitshala ngeyawushiyayo lomsebenzi. Siyavuya ke namhla tina simaziyo, ngamana atutu-zelwe, anikwe amandla okunyamezela ubunzima ngexa yoqeqesho lohlanga lwa-kowabo. Awu, ngxe mnumzetu, usiba lundipangele, ndibe ndifuna ukwenza abe mbalwa.

Ndingowako J. M.

UMBULELO KWI " MVO."

NKOSI MHLELI,—AW, mnumzetu ka-wundincdle undifakele kambe lomazwi ombulelo, nakuba imilonao yetu ingena-ko ukukubulela ide ipelelisengento oman' ukusitetelela. Wena akukete mntu no

KENNETH NCAPAYI. Ingcisininde,

## ABALIMI NA BARWEBI

E-MARKENI

E QONCE (June 29) Irasi eluhlaza, 4d to l0d ngekulu Ihabile, 3d to 2/6 ngekulu Itapile, 1/ to 6/ ngengxowa Umbona, 2/1 to 2,8 ngekulu Irasi ezinkozo, 1/11 to 2/6 ngekulu Isimili, 2/6 ngengxowa Ingqolowa, 2/6 ngekulu I-artyisi, 2/10 ngekulu Inkuni, 3/ to 22/ ngeflara

E KOMANI (June 25). Irasi, 5/ to 6/ ngengxowa Ihabile, 2/ to 6/ ngekulu Umgubo, 6/ to 7/6 ngekulu Umbona, 6/6 to 7/6 ngengxowa Amazimba, 8/ to 9/ ngengxowa Itapile, 5/ to 7/ ngengxowa Inkuni, 15/ to 30/ ngeflara

UMKOHDO WAMAHASHE,

U Mr. Lucas Tyali wase Port Alfred, (Ecawa) usitumele incwadi yokuba babambe umfo ekwele kumtuqwa. onjengalowa ucazwa kwisaziso sika Mr. D. Dwanya. Umntu lowo uviwe ebalisela abanye ababanjwa ukuba unengwevu ekaya. Umkondo ke lowo ama-kaupaule u Mr. Dwanya. Ikaya lomfo lowo likwilali zika Mr. James Mama Emnqa-ba kwesika Kama.

# NATIVE OPINION

WEDNESDAY, JUNE SO, 1886.

PARLIAMENT was prorogued last Friday ; and a session, as profitless as it was mischievous, has never sat in Cape Town. This is the verdict of the country. From a legislative point of view it is utterly barren of good results, while it has humiliated the Colony immensely in the eyes of the outside world.

The sonorous programme submitted by Ministers in the opening speech has vanished after the fashion of the morning cloud. Bills for the encouragement of the production of cotton goods from colonial-grown cotton; measures for the establishment in the colony of manufactories of woollen cloth from wool grown here ; also the Ox Wagon Bill, and the Railway Fraud Bill—all these were simply laughed out of the House.

Financially—at the close of the session—Mr. SPRIGG himself must surely be in a hopeless and helpless muddle. At one fell swoop he has been deprived of more than £70,000 by the abolition of the Excise, at the instance of the Western wine farmers, and the retrenchment of which we have heard so much has been nothing but a mere mockery. Next year, the Colonial Exchequer, no more in the hands of a strong Treasurer, may be found to be to the bad by £500,000.

In matters affecting the Natives the session has distinguished itself for mischief. We have faithfully reported the speeches on subjects relating to our countrymen, and there can be no wonder that to them the present Parliament is a dreary Galilee from which nothing good can come. The discussions on the Transkeian Bill, the Liquor Areas, the Road Rate, in so far as the Government and their Bond supporters engaged in them, have certainly caused grave apprehensions in the minds of the Native people. The Pass Bill has been put off till next session. This gives the Natives breathing time, but let us hope that more enlightened views may be the outcome of reflections on this subject during the Parliamentary recess.

The complications and incongruities which are the result of the session are wholly and absolutely due to the utter inability of the Ministry to lead the House, and a fear on their parts that resolution would cost them their places and their pay. That the most optimist advocates of Responsible Government for the Cape Colony never fanciedso extreme a picture of a Ministry clinging to office, and adopting that as its only tangible policy can easily be imagined, and the country must only console itself with the reflection that this evil carries about it its own cure. The organisation of the Political Union, is a sign of the times.

# Editorial Notes.

IT is stated that a Mr. Ayliff, from Natal, has been appointed to be Superintendent of Fin goes at Heald Town in the room of Mr. Dugmore, whose services have been dispensed with after an inquiry. The salary attached to the post is £225 per annum. The Heald Town Natives know that it is a sinecure, and is not wanted. If retrenchment were not a mere shibboleth, having fallen vacant it would have been allowed to drop.

THE *Bond Organ* (Burghersdorp) supports the exclusion of Natives from the Franchise on the ground that the Natives " regard all South Africa as their birth-right, and if the opportunity ever offered, they would subordinate the whites to their rule." In the opinion of the *Bond Organ* this will be the result of the alliance of the English and the Natives. Now, this is a mistake. If the Venters, the Le Roexs, and De Wets of our Parliament were supplanted by Natives to-morrow the country would at once have at least a decorous body sitting in Cape Town, only solicitous of finding the truth and meting out justice to English, Dutch, and Kafir alike. This much cannot be said of our. Dutch neighbours, who care nothing for the English or the Native so long as their interests are served.

COMING from the Bond organ of Bloem-fontein, the *Express,* the following will take the breath out of nobody:—" The native view, expressed by that phenome-non of a native, Mr. Tengo-Jabavu, is that the native with his natural gifts can favourably compare with "Hodge" (the British agricultural labourer). As to the author of that saying, we feel possible he could take the shine out of many a poor 'Hodge,' but his accomplishments may yet play him tricks. We don't believe in this outrageous cleverness in natives, and. have not seen one yet who has not come to grief on that account." Nor do Natives believe in Bond opinions about them.

IN answer to Mr. Innes' question referring to Mabandla, Mr. De Wet has said "Government did not intend to reinstate Mabandla. After the receipt of Mr. Dick's report further information was received of a serious nature as to Mabandla's conduct, and the best service his friends could do him was to leave the matter alone, for he might congratulate himself that he had not been criminally prosecuted." We are sincerely sorry that this question was put late in the session, as otherwise papers on the subject might have been called for which would, we have not the slightest doubt, show that Mr. De Wet's statement about subsequent and serious information respecting Mabandla's conduct was purely apocryphal. For our part we long ago gave up the nope that Mabandla would receive any justice at the hands of the present Secretary for Native Affairs after the zigzag and tortuous course he pursued on this simple matter; and we looked to Parliament to inquire into the matter, and we do so still. As for Mr. De Wet, all the Natives will be quite able to endorse the remarks of the *P. E. Telegraph* when itsaid when dealing with the Brandy question: " Mr. De Wet is a Dutchman, and a Dutchman suddenly- taking such a parental interest, and exhibiting such zeal for the rights and privileges of the Kafirs would be about the most exquisite joke, not merely of the session, but of the century."

ju



# H. S. WAUGH & CO.

## THE ARCADE,

## QUEEN'S TOWN

UMZI ontsundu ose Komani, e Hewu, e Skapu, e Kamastone, ku Ndlovukazi, kuzipaluka zase Batenjini, nakuyo yonke imimandla yelipezulu maungatengi nantonina
ungakanga uyokanelisa kwimpahla entle kunene netengiswa ngawona maxabiso apantsi kwa H. S. WAUGH & CO.,the Arcade, e Komani (Queenstown).

Banempahla yentlobo zonke ezaziwayo kumkondo we—

## INGUBO ZAMADODA:

Ibhulukwe, Ibhatyi, Ibhatyi ezinkulu zengqele nezilula zokuhomba, Isuti, Ihempe, Iminqwazi, Ikresbhanti, namaqina.

## Izihlangu zentlobo zonke.

## Impahla Yamaledi:

Ilinzi, Ikeleko, Ikeshmiya, Iprint ziqala kwitiki iyadi.
Ihen setini, Iprinti ezibusetinira zohlobo olutsha zona.

## Kwimpahla. eyenziwe ngoboya.

Ikausi zamaledi, nezamadoda, ingubo zangapantsi zentlobo zonke.

Yonke impahla yokutshata itengwa apa, eseyenziwe, enokwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.

Izambrela zamaledi, Izitezi, I-Gloves zabatshatayo.

I-Lace yentlobo ezininzi Namakaka (Frillings).

Iminqwazi eseyihonjisiwe, ne Bonet.

Impahlana eninzi yamaledi yentlobo zonke.—Intyatyambo zomtshato Nentsiba, njalo njalo.

Nifikile e Komani buzani kuqala indlu ka

## H. S. WAUGH & CO.,

QUEEN'S TOWN.

## ILIZWE LA MAMFENGU
## IVENKILE E JOJOSI.

## IVENKILE KA MAVELETSHONA.

Ukuba ubuza ukuba yiyipina IVENKILE ELUNGILEYO kulo lonke ela Mamfengu, angatenga kuyo konke okunokukankanywa—nemaxabiso angadanisiyo—kuba inika amanani alungileyo
Nge zikumba, ngo Boya; nayo yonke into elinywayo. Nge Gusha, na Mahashe, no Bhokwe ; Ihangu ne Nkuku. Yizani nazo ziyakutengwa ngu
Utengisa Zonke intlobo zamayeza.

ELE-SIXHOSA NGU MAVELETSHONA.
Nalo icam lako.

---

## MAMFENGU! MAMFENGU!

## PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika

## maxabiso apezulu ngo Boya,

## Benkomo nempahla emfutshane,

Kwivenkile zake ezise

## MBIZA, e Mtwaku nase

## Luxwesweni kwa BLAYI.

Into eyimpahla yevenkile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo.

Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa IGUSHA ezi 600, NENKOMO ezi 50.

THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland. 2tc

### ISAZISO.

INTLANGANISO ye " Transkei Mutual Improvement Society,'' iya kudibana e Gcuwa ngomhla we 25 June ngolwesi Hlanu evekini. Amalungu acelwa ukuba aze abeko ukutshona kwe langa.

SOLOMON D. MAQINA,
Assistant Secretary.
Tyinira, June 1, 1886.

---

### ISAZISO.

NGOMHLA we 2 July, ngolwesi Hlanu evekini ngo 7-30 p.m. kuyakubako i Tea Meeting e Qonce kutyalike yase Wesileni. Kuya kuvuma usapo lwalapa nolwa kwa Mdingi; isihlalo sotatwa ngu Mr. NEWING. Izihlobo ziyamenywa. Itikiti yi sheleni.

### OLAHLEKILEYO.

NDICELA umkondo kubantu base Cala nabase Qumra wenkwenkwana yam u Piet Malgas,
elinye ngu Mangaliso. Ibivela e Qumra kwa Mr. Webb ye biwa ngamadoda amabini ku Komani. Ondilandisileyo ndombhatala kwa oko, makabhalele ku I. A. Motaung, Esq., apa e Tarkastad.

MITYI MALGAS.
Tarkastad, 5 June, 1886.

### KUBIWE.

NGOBUSUKU bolwe sibini ngomhla we 12 kulenyanga e St. Mark's (Esidntyini) inkabi engwevu yehashe—etiwe gqipu indlebe yase kohlo—kwa ne nkabi yehashe entsundu ebu tuqwa eyi Pony omabini abadala buko we sine umnyaka.

Ukumka kwawo abhekise ngase Mtata nakwa Gcaleka. Olandise nmkondo wovuzwa kakuhle ngu.

DANIEL DWANYA.
St. Mark's, 19th May, 1886.

---

### Ocela Amehlo.

NDILAHLEKWE lihashe lam. Ibala lalo limnyama-linco ; ndicela amehlo omzi ontsundu. Olibonileyo elobala makancede atumele ku Mhleli we *Mvo* nokuba ku kum, ndombhatala nge £1 10/
UMHLANGASO J. S. FAKU.
Esihlonyanoni,
Pondoland, 14 May 1886.

### BONISANI.

IHASHE K AZI elikulu elibomvu. Alinabala.

Lifunukuba nexwele kwinqina lasemva lasekunene ngapandle. Lilahleke e Qonce. Olibonileyo makutumele ku Mr. P. N. MTSHEMLA e Qumra nokuba kukwi *Mvo.*
DANIEL LANGA.

### Umanyano nge Mfundo

LUYA kudibana kwe yomnyaka Intlanganiso E Rwarwa—Macfarlan ngolwe sibini evekini ngomhla we 13 July, 1886, ngexa le kusasa. Kulindeleke ingoxo nge *Bali la Bantsundu,* ko Rev. P. MZIMBA, Messrs. W. W. GQOBA, no WILLIAM K. NTSIKANA. Lamanene atumeli isaziso zengxoxo ayakuzindululula—Mr. R. GOSA, *Ngo Lobolo ;* Mr. JOHN S. DLAKIYA : *The Administration of Corporal Punishment in Mixed Schools of the Aborigines.*

BENJAMIN SAKUBA,
Hon. Secretary.
King William's Town, June 2, 1886.

### W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa,
*e.Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

### E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amazabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.*
Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

MADUBELA.—Empukane, ngo 27 May, 1886, kububhe u Mr. JOEL MADUBKLA. Izihlobo mazamkele lo mbiko.

### Abatshatileyo.

MQANDA—MALGAS.—Ngomhla we 22 Jane, kutshatiswe ngn Rev. *C.* TABERFB, Emtwaku u THOMAS J. MQANDA wase Ngqushwa no AGNES MALGAS wakwa Zidenge.

# DYER no DYER

E-QONCE, E-MONTI, E-KOMANI

Batengisa; lempahla ibalulwayo ngezantsi ngamaxabiso agqitiseleyo ngobuncinane

## Ingcawa Zoboya.

Imatrasi zase Mkosini ezinemigca
Imatrasi ezinemigca zase Zikepeni
Imatrasi ezinemigca zase Witney

## AMABHAYI

Entlobo zonke zobukulu.

## IQIYA YOKUFINYA

Amabhali amane, zintlobo ezintsha zona

## IBHULUKWE ZEKODI,

Ezingqingqwa, zentlobo zonke zamabala.

## IZAMBULELE, NEZAMALEDI

## I-PRINTI

Zikwibhokisi ezimashumi mabini, zezentlobo eziketiweyo zona.

## Ingubo Ezitambileyo Zokulala,

Zentlobo zontatu zokuhonjiswa.

## INTSIMBI ZEMIQALA.

Zamabala ngamabala nobukulu ngobukulu.

## IZIPILI

Ezingqukuva Nezinembombo nezixaswe ngemiti.

KANJAKO

## Izitya ezinjengenkumntye, njalo njalo.

*Izinto zokwaka, zokuvatisa indlu.*

Nezisetyenziswa Ekulimeni,
NJALO, NJALO, NJALO.

# DYER & DYER

---

Lishicilelwa umninilo, UJOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BUOTHERS, Smith Street King William's Town.